URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Devigi Pillay**
ICandelo loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Devigi.Pillay@westerncape.gov.za | 021 467 2477

Inombolo yefayili: 3/3/R
Isalathiso: IMS 20230302-2032

ISetyhula: 0008/2023
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela Balawuli, kwiiNqununu nakwimibutho yabasebenzi eyaziwayo

Isishwankathelo esifutshane: *Ifom yokwenza isicelo sekhefu entsha (H.1) eyenzelwe ootitshala abasesikolweni.*

**Isihloko: Ukuphunyezwa kwefom yokwenza isicelo sekhefu entsha (H.1) eyenzelwe ootitshala abasesikolweni.**

1. Ngowe-13 Julayi 2022, uMphathiswa weSebe leMfundo esiSiseko wasayinela iMigaqo i-*Personnel Administrative Measures* (*PAM*) emitsha, epapashwe *kwiGazethi kaRhulumente* No. 46879 yowe-09 Septemba 2022.

2. Okufakwe kuxwebhu olutsha lweMigaqo i-*PAM*, ziinguqu ezazenziwe kwiSahluko H *(Chapter* H), ngokukodwa kokuqulethwe yifom i-*H.1* yesicelo sekhefu lokungabikho emsebenzini, emayisetyenziswe ngootitshala abasesikolweni.

3. Ngenxa yoku kungentla, kwazisa izikolo ke ngoko ukuba ifom i-Z1(a) yokwenza isicelo sekhefu lokungabikho emsebenzini, ayimele kusetyenziswa kwakhona. Ukususela ngowe-01 Apreli 2023, kunyanzelekile ukuba bonke ootitshala abasesikolweni basebenzise ifom H.1 yokwenza isicelo sekhefu lokungabikho emsebenzini salo naluphi na udidi lwesicelo ngaphandle kwesicelo sekhefu i-*temporary incapacity leave,* ngokoMgaqo-nkqubo i-*Policy and Procedure on Incapacity Leave and Ill-health Retirement,* wango-Agasti 2022.

4. Apha kule setyhula kuqhotyoshelwe ifom i-H.1 yokwenza isicelo sekhefu lokungabikho emsebenzini njengesiHlomelo A.


wcedonline.westerncape.gov.za
Employment and salary enquiries: 0861 819 919 | Safe Schools: 0800 45 46 47
Western Cape Education Department

5. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile setyhula kootitshala abasezikolweni abaphantsi kolawulo lwazo yaye baqinisekise ukuthotyelwa kwalo mgaqo ngokuqhubekekayo ukubheka phambili.

**ISAYINWE**: NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-03-20